MINISTRY IN THE PRESIDENCY

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Private Bag X860, Pretoria, 0001, Tel: 012 473 0164, Cape Town 8000, Tel: 021 464 2100

2. IBhunga lokuLungelelanisa likaMongameli (i-PCC)

2.1. UMongameli ubambe intlanganiso ye-PCC ngoLwesibini, umhla wama-20 kweyeThupha, ebiyintlanganiso yokuqala yalo Mbuso wonyulwe ngoCanzibe kulo nyaka. INkqubo yokuHambisa iiNkonzo eQhutywa ziziThili iye yathiwa thaca ngethuba kubanjwe intlanganiso ye-PCC yaze yamkelwa zizo zonke iiNkulumbuso zamaPhondo.

2.2. Kule ntlanganiso kuye kwaphindwa kwavunyelwana ngeeprojekthi eziqhutywa zizithili eziza kuhanjelwa nguMongameli. Ezi projekthi ziquka le ikwiSithili sase-OR Tambo, eMpuma Koloni; ekwiSithili saseWaterberg eLimpopo kunye nekuMasipala oMbaxa waseThekwini kwiphondo laKwaZulu-Natal.

2.3. Ezi projekthi ziqhutywa zizithili zintathu ziza kuhanjelwa ziquka isithili esikwindawo engamaphandle, esikwindawo engummandla onemigodi kunye naleyo ikwindawo esisixeko esimbaxa. Nangona kuza kuqalwa kwezi projekthi zokuhambisa iinkonzo ziqhutywa zizithili, ezinye izithili ezingama-42 kunye noomasipala abambaxa abasixhenxe nazo ziza kuhanjelwa nguMongameli Ramaphosa norhulumente wakhe kunye neenkokeli zoorhulumente bamaphondo lingekapheli ixesha elisikelwe lo mbuso wonyulwe kulo nyaka usabambe iintambo zomkhala.

2.4. Kule ntlanganiso kuye kwathiwa thaca futhi kwaxovulwa nomba wokulungelelanisa izicwangciso zoPhuhliso loHlumo lwamaPhondo asithoba kunye nesiCwangciso-sikhokelo esiQiqisisiweyo sesiGaba esiPhakathi (i-MTSF) sowama-2019-2024.